**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHANTSI**
**(Iphepha Lesibini)**

**OCTOBER / NOVEMBER 2005**
**OKTOBER / NOVEMBER 2005**

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 75**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B, C.
- KwiCandelo A MINE imibuzo oyibuziweyo, uya kukhetha uphendule ibe MIBINI kuphela.
- KwiCandelo B no C mibini imibuzo kwicandelo ngalinye. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngalinye.
- Ukuba ngaba ukhethe umbuzo **omde** kwicandelo B, phendula umbuzo oneempendulo **ezimfutshane** kwicandelo C. Ukuba kwicandelo B ukhethe umbuzo oneempendulo **ezimfutshane**, unyanzelekile uphendule **omde** kwicandelo C.
- Yonke imibuzo mayiphendulwe ngesiXhosa esisulungekileyo.

---

## ICANDELO A
## IMIHOBE

***Aweselwa 3* – W.M. Kwetana**

Phendula imibuzo ibe MIBINI kuphela kweli candelo.

### UMBUZO 1

1.1 Funda lemihobe ingezantsi uze uphendule imibuzo eyakuyilandela:

Ngumkhwa ombi obhexeshwa lubaxo;
Umkhuba weenkan' othethis' imbanxo.
Uqalwa kancinci kanti ngumlibe.
Uyola ntlandlolo sikutsho ujube.
Iyolisa-mxhelo kub' iqalwa ngendlalo.
Ubong' abazal' abakuzisa kule ndalo.

Kumnandi kunjalo kuba siyakhuthaza.
Siyole luncuthu nangona sikhuthuza.
Asizi simahla sigrumb' engxoweni.
Siwutheze nomzi kunga kusenxiweni.
'Singaye akaboni bubi kuba seletyile.
Benjenjalw' emyezweni kanti bazityhilile.
Sisiyobisi eso ikhwekhwe ndikrwempe.

Butywala ke obo buza noyayatheko.
Ngundoqo womya odal' isiqhazolo –
Isif' esibangwa kukuthabatheka –
Sikutyhulubis' uhamb' ubetheka –
Kube lisikizi kwaneentsizana.
Kube linyumnyezi lenz' amamunyumenye.
Ngengoms' uyaxox' awazi nob' benye.

1.1.1 Yintoni le ibongwayo apha? (1)

1.1.2 Kwimigca 1 nowe 2 ucinga ukuba kutheni imbongi isebenzise uphinda-phindo lwengcinga: **umkhwa nomkhuba**? (1½)

1.1.3 Ithetha ukuthini imbongi kumgca – 3 xa isithi ngumlibe? (2)

1.1.4 Ngokwalo mhobe kukuthini kanye ukugrumb' engxoweni? (1)

1.1.5 Chonga isihlonipho sibe SINYE osibonayo apha kulo mhobe. (1)

1.1.6 Nika amagama abantu ababini ababesemyezweni. (2)

1.1.7 Chaza intsingiselo yomqolo onomgca ngaphantsi. (2)

1.1.8 Khetha izikweko zibe ZIBINI ezisetyenzisiweyo apha. (2)
**[12½]**

**OKANYE**

1.2

***KuSombawo Wethu, Igwiba Lenyaniso**

Wena Sombawo!
Wena Soninini!
Wena Sokulunga!
Wena Ntozonke!
Wena Solufefe!

Usibekelis' izulu ngamafu,
Unik' ihlabath' imvula,
Upholis' imimoy' eshushu,
Uminy' malwandl' anzulu,
Wena Nyulushe!

Ugugud' amalwandle neentili,
Iindada naw' amahlathi,
Uphala nemimoy' emoyeni,
<u>Urhubuluz</u>' iinzulu zeelwandle,
Wena Naphakade.

1.2.1 Nika izixhobo eziBINI ezisetyenziswe yimbongi kumhlathi wokuqala ukwakha isingqisho. (2)

1.2.2 Xela igama lalo mntu ubongwayo apha. (1)

1.2.3 Chaza intsingiselo yesikhahlelo ngasinye kwezi zisetyenziswe yimbongi kulo mbongo.

A. Nyulushe!
B. Naphakade!
C. Soninini! 2x3=(6)

1.2.4 Chaza intsingiselo yegama elinomgca ngaphantsi? (2)

1.2.5 Isitanza sesithathu sisetyenziselwe ukuphuhlisa ntoni yimbongi? (1½)
**[12½]**

**OKANYE**

1.3

Ziintambo zoxananazo zefuthe lovuyo.
Luxhalabo nok' imincil' iligubungele.
Bushushu bomzimba yolo lomphefumlo.
Mthombo woncumo gagu lomzuzwana.
Liyacima pam! Lifukuke fuku!

Masifund' ukuqin' ubomi yinkinge.
Qinani nonke, khanyisani zibane
Su'ncama kuphele wosindiswa kamva.
Lenjenjal' ibhada likrobel' ingcwaba;
Ngawo loo mzuzu laphetshisw' apho.

Ubomi ngumnqants' onyukayo.
Zamani bethu, qinani nomelele.
Uthini na wen' ukulahl' ithemba?
Siyini isixhobo sakho edabini?
Wobaleka ngoko lukude notshaba.

1.3.1 Sithini isihloko salo mhobe? (1)

1.3.2 Sithini ukulubiza olu phinda-phindo lufumaneka phaya kwimigca 6 nowe 7? (1½)

1.3.3 Chonga umgca esifumana kuwo uchasaniso. (1)

1.3.4 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi ubomi ngumnqants' onyukayo? (1)

1.3.5 Khetha imigca eMIBINI esithi sifumane kuyo imibuzo – buciko. (2)

1.3.6 Chaza imisebenzi ibe MIBINI yemibuzo – buciko kumhobe / kwisibongo. (2)

1.3.7 Kumhlathi – 2 khetha amagama amabini azizifanokuthi. (2)

1.3.8 Ucinga ukuba kutheni imbongi ikhethe ukusebenzisa ezi zifanokuthi zikumbuzo ongasentla? (1)

1.3.9 Ngokwalo mhobe yintoni kanye inkinge? (1)
**[12½]**

1.4

**IMFUNDO**

Sisixhob’ esintlangothi mbini.
Ngumvuli naxa kuqanyangelwe,
kutsh’ ubumnyama bugabuke.
Ngumfungeli wal’ ukhanyo.
Ngumnxonxi – simo somntu.
Ngumseki – ntlalo kuluntu

Amandl’ awavami kusetyenziswa,
Kub’ ubuchopho sebabhucwa.
Yehova, ndiphe nam’ ikhwele
Lokukhwel’ inqanawe yenkcubeko.
Andimnt’ uthand’ ukuthi finini;
Ndithand’ ujizelo-mafini.

Baninz’ abaphoswe sesi sipho,
‘Nginginy’ ezuze lo mthomb’ ehlathi.
Thoban’ unxano ngenzolo kuloo manzi,
Abangelutho bangathotyelwa matye.
Nizinxweme koo “sesididiyele”,
Kub’ eso sipho sakuba seyele.

1.4.1 Kumhlathi 1, khetha izikweko zibe ZITHATHU. (3)

1.4.2 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi imfundo ngumxonxi – simo somntu? (2)

1.4.3 Yiyiphi le nqanawe yenkcubeko ithetha ngayo imbongi? (1)

1.4.4 Chonga isifanekiso-zwi sibe SINYE osibonayo apha. (1)

1.4.5 Chaza intsingiselo yembongi esiyifumana phaya kumgca – 16. (1½)

1.4.6 Bhala imigca eMIBINI esifumana kuyo uchasaniso. (2)

1.4.7 Xela imisebenzi ibe MIBINI yophinda-phindo kwisihobe. (2)
**[12½]**

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [25]**

ICANDELO B
**UMDLALO WEQONGA**

Ukuba ngaba ukhetha umbuzo **omde** kweli candelo, **unyanzelekile** ukuba ukhethe umbuzo oneempendulo **ezimfutshane** kwicandelo C. Ukuba ngaba ukhetha umbuzo oneempendulo **ezimfutshane** kweli candelo, uya kunyanzeleka ukuba ukhethe **omde** kwicandelo C.

**UMBUZO 2**

***Inzonzobila* – B.B. Mkonto**

2.1

| | | |
|---|---|---|
| *Zinzo* | : | MamNtakwenda, Nofinitshi mfaz' akowethu, wawundinqale ngantoni ukundifihlela inyaniso enje? Uyawubona na kodwa lo mhadi ubundimbela wona? Uyazibona na ezi zithungu zengca obuzithutha uwugquma? Ndingumnt' oyintoni na apha ebantwini? |

Ngqiyama ngala mazwi kaZinzo ubonise ubunzulu bukaMamNtakwenda phantsi kwezi ngongoma:

2.1.1 ukufihlela uZinzo inyaniso. (10)

2.1.2 ukuzenza ongazivayo izithuko nezenyeliso ezenziwa nguDlangisa. (5)

2.1.3 ukubukela ungquzulwano olubi phakathi kwala madoda ezenza ongazi nto ngentsusa yalo. (10)
**[25]**

**OKANYE**

2.2 Funda ezi zicatshulwa zingezantsi ukuze uphendule imibuzo eya kulandela emva kwesicatshulwa ngasinye:

**Isicatshulwa A**

| |
|---|
| Khawume Dlomo khe ndikulungise kule mpazamo uyenzayo: Ilifa namalungelo akwaDlomo akananto yakwenza noBhongo; akangoDlomo laa mntwana, isiko ngathi akulazi; nguQadi lowa uphelele, wamkelwe kwaQadi mhla ndendela khona elolubomvu. UbuDlonyana baqhomfwa kwanguDlomo embilinini. Elokugqibela ke nali, siyeke sizonwabele nomyeni wam owandichola enkunkumeni wandivuthulula wandenza umntu; ngoko ke yihla uthi xibilili kuye. (*Utsho wee gwiqi emshiya esankonye eso siselo*) |

2.2.1 Ngubani lo uthetha la mazwi? (1)

2.2.2 Ingubani igama lalo Dlomo athetha naye? (1)

2.2.3 UDlomo lo wabuqhomfa njani ubuDlonyana bomntwana? (2)

2.2.4 Nika igama lalo myeni wesi sithethi. (1)

2.2.5 Sithetha ukuthini isithethi xa sisithi sacholwa enkunkumeni? (3)

2.2.6 Iqhubeka phi le ngxoxo yesi sibini? (1)

2.2.7 Xela igama lenkosikazi kaDlomo. (1)
**[10]**

**Isicatshulwa B:**

| | | |
|---|---|---|
| *MPAHLA* | : | Yihlo, kuthe kanti uyindoda. <u>Ndikuthulela umnqwazi</u>. Ngalo lonke eli thuba ndithi wancama yonke into emveni kwalaa mlilo owenzakalisa ishishini lakho. Ndothuke kakhulu ndakuva ukuba uxakekile, uyafundisa. Phika watyholwa? |
| *ZINZO* | : | Kunjalo ntanga. Kaloku bathi oohlohlesakhe beli Kapa bakundilimaza ngelinga-tsitywa ntwala lona, ndaqonda ukuba ndakuzicheba ngalaa mntwana. Kunamhla ngathi xa ndijongile elo nxeba seliqulungana. Ndijong' enkalweni. |

2.2.8 Chaza intsingiselo yebinzana elinomgca ngaphantsi. (2)

2.2.9 Lishishini lantoni eli athetha ngalo umfo kaMpahla? (1)

2.2.10 Ngubani lo mntwana ufundiswa ngiZinzo? (1)

2.2.11 Ufunda kweliphi iziko lemfundo? Efundela msebenzi mne? (2)

2.2.12 Uthetha ukuthini uZinzo xa esithi uza kuzicheba ngalaa mtwana? (1)

2.2.13 Ngoobani aba hlohlesakhe beli Kapa ajolise kubo uZinzo? (2)

2.2.14 Ekuhlaleni uZinzo noMpahla babambe ziphi izikhundla? (2)

2.2.15 Nika igama lenkosikazi kaZinzo. (1)

2.2.16 Inkosikazi kaMpahla yona iphi ngelixa lale ngxoxo iqhubeka apha? (1)

2.2.17 Kukuthini ukujong' enkalweni ngokwesi sicatshulwa? (2)
**[15]**

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [25]**

ICANDELO C
**INOVELI**

Phendula umbuzo ubeMNYE kweli candelo.

***Etshatile Engatshatanga* – S.C. Satyo**

**UMBUZO 3**

3.1

Xoxa ngongquzulwano olufumaneka kule noveli kaSatyo, ugxininise kakhulu kunobangela kunye neziphumo zalo. Beka nezakho izimvo malunga nesenzo sikaNondotsololo sokuphixanisa umzi kaSimeli.

Nanzi iingongoma eziya kukunceda ukuze ufikelele kwimpendulo echanekileyo.

3.1.1 Unobangela wongquzulwano phakathi koSimeli noNokwanda. (6)

3.1.2 Ungquzulwano olugqubayo phakathi kwabalinganiswa. (14)

3.1.3 Uluvo lwakho malunga noNondotsololo. (5)
**[25]**

**OKANYE**

3.2 Funda ezi zicatshulwa zingezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo emva kwesicatshulwa ngasinye:

**Isicatshulwa A**

> Sithe ukuba sifike eTshotshandive senjenjeya ukuya eholweni ekusetyenzelwa kuyo. Ndifike apho ndamnika zonke iimfanelo zomntu oza kuqala ukusebenza. Emveni koko ndimphe ithuba lokuba akhe aziqhelanise nemibuzo kunye neempendulo phambi kokuba aqalise ukukorekisha. Akubanga kudala wangena eluhlwini wasebenza.
> Kuthe kanti sisigebengakazi somsebenzi esi. Sibe kuwavavanya amaphepha aphendlwe nguye safika kungekho nto ixhomisa amehlo. Phakathi kwabasebenzi aba bam bekukho nentokazi etshatileyo ekwanguDikela nayo. Iye ke yamthi qhwe uYoliswa imini yonke kwada kwaya kulalwa.....
> Uye wamcela uYoliswa ukuba balale kunye. Uthe nangona ebenqwenela njalo, uYoliswa wazilandula kuba wayesele enelakhe igumbi selandlele wakhuphela naseziwodrophini konke okuyimpahla yakhe. Ixesha elininzi balichitha kunye xa bengekho msebenzini.

3.2.1 Ngubani igama lalo mntu ubalisayo apha? (1)

3.2.2 Xela isikhundla esibanjwe ngulo mntu ubalisayo kulo msebenzi wokukorekisha amaphepha. (1)

3.2.3 Ngokwempangelo wayesebenza msebenzi mni lo mntu ubalisayo? Ebambe siphi isikhundla? (2)

3.2.4 Sithetha ukuthini isithethi xa sisithi "Kuthe kanti sisigebengakazi somsebenzi" (2)

3.2.5 Nika igama lale ntokazi itshatileyo nekuthethwa ngayo apha. (1)

3.2.6 Isithethi esi sinabahlobo ababini abasenyongweni kuso. Khawunike amagama abo. (2)

3.2.7 Ngamaphepha eliphi ibanga la akorekishwa kule ndawo? (1)
**[10]**

**Isicatshulwa B**

> Uthe uNokwanda ngokuva kungena umntu waphakamisa intloko. Ntla ngoninakazi.
> Kuthe kuba iinyembezi beziziqukuqelela engathi akazilili, wancuma, waphetha ehleka zingathi zisathe de ukuthi dadobawo.
> Ebona loo mbono uninakazi ukhe wazanelisa wasithula apha, engenelelwa ngabazukulwana. Owayengathi upenananye uNokwanda uthe, "Ndiqale ngawuphi na ukuthuthuzela? He he he," Ubuye wayithula apha eyasemaNdumangeni, engathi akaqinisekanga nalapho akhoyo. Ibe kwanguninakazi oziqokelelayo. Ubangenise egumbini labantwana lokulala, walitsho iculo lakhe, "Ndiyakhala kuwe, Nkosi, Bawo oyiNgcwele ndive...." Ungenelele uNokwanda ezifumana naye ngoku apho akhoyo. Lithe xa liya ekupheleni iculo waqala uNokwanda walila okomntu. Walila qhelekileyo. Noninakazi ubuye wakhe wacuntsula kule nto yentombi yakhe; naye uyenze qhelekileyo naye le nto ngoku. Ibe ziintsana <u>ezi zisaphuma ecaleni</u>.

3.2.8 Uninakazi kaNokwanda ngumabani kanene? (1)

3.2.9 Chonga ibinzana lamagama asetyenziswe apha kwesi sicatshulwa nasinika uluvo lokuba uNokwanda lo wayengathi ushiywe ziingqondo ukufika kukaninakazi. (2)

3.2.10 Ngokwesi sicatshulwa kukwenza ntoni kanye ukusithula apha? (2)

3.2.11 Ngoobani amagama aba bazukulwana kuthethwa ngabo apha? (2)

3.2.12 Chaza esona sizathu esakhokelela ukuba uNokwanda abizele uninakazi kweli khaya. (3)

3.2.13 Ngubani umyeni kaNokwanda? (1)

3.2.14 Baphi abazali bakaNokwanda ngelixa kusenzeka esi siganeko. (1)

